

ISIKHOKELO SAKHO OKULAHLA
AMANZI ASELE
ESETYENZISIWE



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

YIXELE, SIYILUNGISE!

- Imingxuma esendleleni (iipothowuli)
- Iidreyini zamanzi esichotho ezivalekileyo
- Izikhukula
- Udaka okanye amatye ehlela endleleni
- Ingca nokhula ecaleni kwendlela nakwiziiqithi zetrafi
- Imiqondiso yetrafiki (iirrobhothi) engasebenziyo
- Iziciko zeedreyini ezinkulu ezingekhoyo
- Iziseko zophuhliso lezothutho loluntu nezalathiso zendlela ezonakalisiweyo
- Imiqobo eliqulima evale eyonakalisiweyo



UKULAHLA AMANZI ASELE ESETYENZISIWE

Uthungelwano lweendlela zaseKapa buyeyona nto ibalulekileyo enegalelo kuqoqosho lwesixeko nomgangatho wobomi bemihla ngemihla kubo bonke abasebenzisi bendlela.

Ezinye iindlela nemimandla ekulo lonke elaseKapa iyathanda ukuba nemingxuma ngenxa yokulahlwa kwamanzi asele esetyenzisiwe, anokusetyenziswa ngokutsha. ISixeko saseKapa sisebenza nzima ukuqinisekisa ukuba iindlela zethu zikhuselekile, zisemgangathweni yaye zigcinwe kakuhle. Abahlali banendima ebalulekileyo abamele bayidlale ngokuphepha ukulahla amanzi asele esetyenzisiwe anokusetyenziswa ngokutsha, kwiindlela zethu nokuzonakalisa.

**UKULAHLA
AMANZI ASELE
ESETYENZISIWE**





YINTONI AMANZI ASELE ESETYENZISIWE?

Amanzi asele esetyenzisiwe ngamanzi angacocekanga avela ekubhafeni, ekushawarisheni, nasekuhlanjweni kwezandla neemoto.

Amanzi aqulethe izicoci, iisepha nezinye izinto zokuhlamba eziyingozi endleleni. Ezi khemikhali ziyawuthoba umgangatho wezinto ezidibanisa indlela zize zenze buthathaka iziseko zayo kuhamba kwexesha. Njengo umgangatho wendlela usihla, inokungalingani, irhwexa ibe sesichengeni.





**MUSA UKUGALELA
AMANZI ASELE
ESETYENZISIWE
KWIIDREYINI
ZETHU ZAMANZI
ESICHOTHO;
AHAMBA AYE
KUNGENA NGQO
KWIMILAMBO
NEELWANDLE
ZETHU.**

INDLELA AMANZI ASELE ESETYENZISIWE AZICHAPHAZELA NGAYO IINDLELA

Xa amanzi asele esetyenzisiwe amdaka egalelwa ezindleleni, ngokuhamba kwexesha kubakho iintanda ezincinci endleleni, ezizaliswa ngamanzi zize ziya zinwenwa zize zibe nzulu. Zikhawuleza zibe yimingxuma eyonakalisa iimoto namatayara okanye zibangele iingozi.


Amanzi asele esetyenzisiwe atsitsela endlela onakalisa nomaleko wendlela. Oku kuphumela ekubeni isiseko sendlela sibe buthathaka, nto leyo eyonakalisa indlela kubekho imingxuma emikhulu nenzulu.



Indlela isenokungalingani ize ingakwazi ncam ukuthwala ubunzima beemoto.

Ukugalela amanzi amdaka endleleni kunokonakalisa nokusingqongileyo, ekubeni kunokugcina iibhaktheriya, amasuntswana eenwele, ioyile negrisi, iintsalela zeesepha nezicoci, izibulali zinambuzane nezinye izingcolisi. Amachiza anokutsitsela ngaphantsi komhlaba nakwimithombo yethu yamanzi, nto leyo ebeka impilo esichengeni.




**UKUBA UYAQHUBEKA
NOKULAHLA AMANZI
ASELE ESETYENZISIWE,
IINDLELA ZIZA KUBA
MBI KAKHULU.**





UKULAHLA AMANZI AMDAKA

Ukulahla amanzi asele esetyenzisiwe kwiindlela zethu kunokubonakala kususombululo esancedayo, kodwa kunokukhokelela kwiindlela ezonakeleyo nezingakhuselekanga kwakunye nokonakala kwamatayara.



Amanzi asele esetyenzisiwe afanele alahlwe kwinkqubo yogutyulo lwelindle kunye namanye amanzi alahlwayo, apho iSixeko saseKapa siya kuwacoca ukuze alahlwe okanye agutyulwe aze aphinde asetyenziselwe ukunkcenceshela kwakunye neenjongo zorhwebo: Musa ukugalela amanzi asele esetyenzisiwe kwiidreyini zethu zamanzi esichotho; ahamba aye kungena ngqo kwimilambo neelwandle zethu.



**KUXELWE UKULAHLA
OKUNGEKHO :
0860 103 089
FOWUNA 24/7**

INDLELA YOKUXELA

Xela naziphi na iingxaki ezenzeka kuthungelwano lweendlela; oku kuquka imingxuma, imiqondiso yetrafi engasebenziyo, izikhuseli ezonakeleyo, udaka namatye awayo, ukulahla ngokungekho mthethweni needreyini zamanzi esichotho ezivalekileyo.

UKHETHO 1: Dawnlowuda iapp kamasipala weSixeko enxulumene nokunikezelwa kweenkonzo, efumaneka kwiApple App Store kunye neGoogle Play Store.

Dawnlowuda le app ngoku usebenzisa u:



<https://apple.co/3pZAkth>



<https://bit.ly/3pMGItv>

UKHETHO 2: Ohagamshelana neziko leminxeba labaxhasi benkonzo beSixeko ku: 0860 103 089 okanye kwi-imeyili efumaneka 24/7 uncedwa ngeAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa.

UKHETHO 3: Loga isicelo senkonzo Kwiwebhsayithi yeSixeko yokuzicelela uncedo **www.capetown.gov.za/servicerequests** Khetha iZithuthi, iTrafiki neeNdlela’.



UKHETHO 4: Skena iQR eza kudibana nenkonzo yokuzicelela uncedo.

.....

Eli phetshana nezinye izikhokelo eziluncedo zikhona nge-elektroniki. Ndwendwela **www.capetown.gov.za/urbanmobility**

AMAKHASI ONXIBELELWANO

Silandele ku:

City of Cape Town

@cityofct

@UrbanMobility



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD